## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli | (25) |
| ICANDELO C: | Idrama | (25) |

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO B: INOVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
   - Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo emide kwisihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
   - Imibuzo emide kumacandelo enoveli nedrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
   - Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: ISIHOBE**<br><br>**Imibongo emiselweyo: Phendula nayiphi na imibuzo emiBINI.** | | | |
|---|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
| 1. Izifo zabantwana | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| **OKANYE** | | | |
| 2. Imbongi yesizwe uSEKMqhayi | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| **OKANYE** | | | |
| 3. Isililo selulwane | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| **OKANYE** | | | |
| 4. Intlakohlaza | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE**<br>**Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.** | | | |
| 5. Uxolo | Umbuzo omde | 10 | 11 |
| **OKANYE** | | | |
| 6. Uxolo | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |
| **ICANDELO B: INOVELI**<br><br>**Phendula umbuzo omNYE.*** | | | |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omde | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omde | 25 | 17 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| **ICANDELO C: IDRAMA**<br><br>**Phendula umbuzo omNYE.*** | | | |
| 11. *Amaza* | Umbuzo omde | 25 | 20 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| **OKANYE** | | | |
| 13. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omde | 25 | 24 |
| **OKANYE** | | | |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

***QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **OKANYE** | | |
| A: sihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5–6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7–10 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–14 | 1 | |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE*** **– A Stemela (Umhleli)**

### IMIYALELO

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo emibini ebuzwe kuyo **nayiphi** na imibongo okanye **naziphi** na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

IMIBONGO EMISELWEYO

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Chonga isigama esisetyenziswe yimbongi kwisicatshulwa sombongo ongezantsi uze uchaze nendlela esiyiphuhlisa ngayo intsingiselo.

**IZIFO ZABANTWANA – W Shasha**

Kuthi mandithethe ndide ndithintithe ngezifo zabantwana!
Kuthi mandinithuke ndinithakathe ngezifo zeli lizwe!
Lent' izifo zabantwana zizizifo zohlanga.
Bharha mz'oNtsundu ukub' usapho lwakho luziintsalu,
Bharha mzi kaXesibe ukub' umntwan' esiswin' uxwesile!
Koba nini na siyintlekisa ezintlangeni?
Ngokuba sizalwe, sidle, sihluthe, sife!

Anyil' amathole: yaphalal' ingqaka.
Wangxulel'umasihlalisane watyibela,
Watsho ngeentothololo zeentambalala,
Iint' ezinkene-nkene zamarhaqalala,
Zibon' uMakhul' azimaz' uyisemkhulu;
Zibhuz' iimpukane zingenwa nayindumbane,
Iint' ezirhuda ngokungathi ziyachama!
Zitsho zirhotyoloze zirhoboloza zirhoqoza.
Mangondo kangondoyi-
Vumba lelweyile lihamba nokhwekhwe,
Nango k' amanyal' enyok'
Ukukhwel' emthin' ingenanyawo. **[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE uSEK Mqhayi – JJR Jolobe**

Anivanga na ukuba ihambile iMbongi yeSizwe?
Anazi na imke ngenqwel'egoqoz'emafini?
Kunamhla seyimana isalatha inqwal'iwisa
Ithe wambu umnweba wemisebenzi encamisa
Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo.
Umthiyi-magama akasele emthe jize na
Ngesibuliso sozuko uMesiyasi edumisa?
Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla
Imkile intw'enkulu yasemaZimeni,
Usomfekethwana zoBy George kwaMelani,
Uwela uMlambo kant'uza neTyala lamawele,
Unxanel'imfundo wasel'emthonjen'eLovedale,
Untonga yaqingqwa ngumCirha kwaGompo,
Uqegu limandla lathwal'iinzima zakwaNdlambe,
Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo
Untetho yatsala oBhene noNgqatyana
Ugxanyaza wadlul'eDikeni wee xha eMncotsho.
Ngumzila ubonwa kuBazili benene.
Usikhundla sikoZikhumbuzo zoNtsikana.
Usakhono siselusibeni ngeencwadi
Ugama lifukanyw'ezintliziyweni zeemfundi.
Ntab'oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?
Ntab'oZuko akuwongekanga na namhla?
Ngaphantsi kwakho zodlul'iinqwelo zomlilo
Zibeleke izizukulwana zoluhle lwe-Afrika.
Ziya kwalathisana ngawe kwimihla ezayo
Zisithi kulaph'ekulele umThembu omatshamba
Ingqangangqanga yentetho yesiXhosa
Ubharhumla ngokwengonyama xa abongayo,
Umazwi aluncuthu kwababafundisisayo
Umhlahli-ndlela ngegalelo lokubhaliweyo
Into kaMqhayi imbongi yeSizwe jikelele.

2.1 Xela isiduko sikaSEK Mqhayi. (1)

2.2 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kumgca woku-1? (1)

2.3 Siphuhlisa ntoni isafobe osikhankanye ku 2.2? (1)

2.4 Nika isizathu sokuba uMqhayi abizwe ngokuba yimbongi yeSizwe. (1)

2.5 Caphula umgca obonisa ukuba iwushiyile umhlaba le mbongi yaye indulukele kwelinye ilizwe. (1)

2.6 Khankanya into ibeNYE kwizinto awayeqaqambe ngazo uMqhayi kulwimi lwesiXhosa. (1)

2.7 Ngqamanisa igama elikuKHOLAM A nentsingiselo echanekileyo ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 2.7.1 Ugxanyaza | A umntu obalaseleyo kwinto ayenzayo**.** |
| 2.7.2 Ingqangangqanga | B umntu othanda izinto. |
| | C umntu owenza izinto ngokukhawuleza. |

(2 x 1) (2)

2.8 Luluphi uhlobo lwesihobe olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISILILO SELULWANE – C Nqakula**

Igama kuthiwa ndinguDludaka,
Kuba ngenene ndidla udaka,
Njengomntu ongenacala lakubalekela kulo.
Andinakudla kunye neentaka okanye iinkuku,
Ndingenakho nokufun'ukutya kunye neempuku;
Ndithi ndakubonwa ibe ngumlo.

Abantu bona abandithandi kwaphela,
Bandisukela imini nobusuku njengesela,
Bakundibona ndisuke ndibe licham lamatye.
Ke ngoko andinakuhlala naphantsi ndibise,
Ababulali bandixuluba bengakhange babhungise;
Kuloko ndiphila ludaka nohlalutye.

Andinakuphapha emini ndisinge ilizwe,
Kuba kuthiwa ndizis'umshologu kwizizwe;
Kanti nasebusuku andinayo inkululeko,
Ndisinda ngokumana ndihamba ngamathunzi,
Kuba kaloku mna andiyiyo inkunzi-
Injinga eyaziwayo yeelali nezixeko.

Andinakho ukuziphindezela ukungcikivwa kwam,
(Ngenxa yesithomo esingephi sam);
Mna indalo ayindabelanga bumnandi.
Akukho mntu undifuna kwelakh'icala,
Bonke bethu bandigxibha, bandibek'ibala;
Kucaca ukuba bakufa benganditthandi!

3.1 Khetha intsingiselo echanekileyo, 'Ukudla udaka' kuthetha:

A Ukuhlupheka
B Ukudla into oyithandayo
C Ukuphila kamnandi (1)

3.2 Nika elinye igama elibizwa ngalo ilulwane? (1)

3.3 Chaza intsingiselo ephuhliswa yile migca:

'Andinakudla kunye neentaka okanye iinkuku,
Ndingenakho nokufun' ukutya kunye neempuku'; (2)

3.4 Chonga isenzo esenziwa ngabantu ukubonisa umsindo wabo wokuba balithiyile ilulwane. (1)

3.5 Ingaba yinyani okanye bubuxoki ukuba ilulwane alinayo inkululeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Nika igama lesafobe esikrwelwe umgca ngaphantsi, uxele nomsebenzi waso.

Bonke bethu bandigxibha bandibek'ibala; (2)

3.7 Xela imfundiso efumaneka kwesi sicatshulwa sombongo. (1)
**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe**

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Mvuseleli, sithi tyaph'ufike.
Luhl'uhlaza olwambes'umhlaba,
Neentyatyambo ezigqagqeleyo.

Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil'uhlininika, umbi-
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile, wambeth'amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ibisozela yonk'into eyindalo;
Mphaphamisi, uyivuse yonke.
Emithini isandi seenyosi
Neseentaka asiswelekanga.

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Silandeli sobusik'obubi,
Mfudumezi emva kwamakhephu,
Mniki-bomi olandel'intshazo.

4.1 Uphuhlisa ntoni umqolo woku-1 ngovakalelo lwembongi? (1)

4.2 Xela okuqulethwe kumqolo wesithathu. (2)

4.3 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi, 'ubugugile, wambeth'amajacu', kumqolo we-9? (2)

4.4 Siphuhlisa ntoni isafobe esikrwelelweyo? (1)

4.5 Xela isinambuzane esikhankanywe kwisitanza sesine. (1)

4.6 Chonga igama elifanelekileyo kwasezigweqeni ulifakele kwisivakalisi esilandelayo. (ihlobo, ubusika, ukwindla)

Intlakohlaza ilandela ... kumaxesha onyaka. (1)

4.7 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

IMIBONGO ENGAMISELWANGA

Chonga isigama esisetyenziswe yimbongi kwisicatshulwa sombongo ongezantsi uze uchaze nendlela esiyiphuhlisa ngayo intsingiselo.

**UXOLO – PB Mqhayi**

Uxolo malube nani
Kwiindawo zonke enihlala kuzo,
Kwiindawo zonke enihamba kuzo,
Kwiindawo zonke enixelenga kuzo-
Gcinani uxolo maxa onke ndawo zonke.

Xolelana nomzali wakho,
Xolelana nomntakwenu,
Xolelana nommelwane,
Xolelana notshaba lwakho-
Gcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

Apho kukho uxolo kukho uthando,
Apho kukho uxolo kukho ithemba,
Apho kukho uxolo kukho ulonwabo,
Apho kukho uxolo kukho uzuko-
Gcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

Kwiinto zonke ayikho eyegqitha uxolo:
Xa wonile zithobe ucele uxolo,
NakoPhezulu uthi, 'Thixo ndixolele';
Sowubekwa ityal'ungenalo cel'uxolo-
Njalo ugcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

Uxolo lungakukhusel'ezinkathazweni,
Uxolo lungakukhusel'ezingozini;
Uxolo lungakukhaphelel'ebulungiseni;
Unoxol'ungaphil'ubom'obunyulu-
Njalo ugcina uxolo maxa onke ndawo zonke. **[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UXOLO – PB Mqhayi**

Uxolo malube nani
Kwiindawo zonke enihlala kuzo,
Kwiindawo zonke enihamba kuzo,
Kwiindawo zonke enixelenga kuzo-
Gcinani uxolo maxa onke ndawo zonke.

Xolelana nomzali wakho,
Xolelana nomntakwenu,
Xolelana nommelwane,
Xolelana notshaba lwakho-
Gcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

Apho kukho uxolo kukho uthando,
Apho kukho uxolo kukho ithemba,
Apho kukho uxolo kukho ulonwabo,
Apho kukho uxolo kukho uzuko-
Gcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

Kwiinto zonke ayikho eyegqitha uxolo:
Xa wonile zithobe ucele uxolo,
NakoPhezulu uthi,' Thixo ndixolele';
Sowubekwa ityal'ungenalo cel'uxolo-
Njalo ugcina uxolo maxa onke ndawo zonke.

6.1 Umbhali xa esithi, 'Uxolo malube nani' kumqolo woku-1 ubhekisa koobani? (1)

6.2 Chonga umqolo ophuhlisa ukuba makuhlale kukho uxolo ngalo lonke ixesha kuyo yonke indawo kwisitanza sesi-2. (1)

6.3 Isingqisho esenziwa sisenzi u 'Xolelana' siphuhlisa isenzo ekufuneka senzeke:

A Calanye.
B Kumacala amabini.
C A no B (1)

6.4 Xela into ibe NYE ekwisitanza sesi-3 efumaneka apho kukho uxolo. (1)

6.5 Safobe sini esisetyenziswe ukusukela kumqolo we-11 ukuya kowe-14? (1)

6.6 Shwankathela okuqulethwe kwisitanza sesi-4. (1)

6.7 Umoya wembongi ubonakala unjani kulo mbongo? Zixhase. (2)

6.8 Ludidi luni lwesihobe olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi- 7 ukuya kumbuzo we-10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCandelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwiCandelo B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa:

7.1 Mangaliso

7.2 Thozama **[25]**

**OKANYE**

### UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda esi sicatshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA

Emva kweso sikhalo ayizange ibe saqhubela phambili inkonzo, kwacaca ukuba mayiphume. Inkosikazi kamfundisi yabayalela abafana ababehamba nexhego ukuba balishiye ukuze babuye bazokulikroba ngentsasa elandelayo. Okunene benjenjalo bengabulibali ububele bomfundisi nenkosikazi yakhe ukude banonophele ixhego leqaba ngolo hlobo bengalazi nokulazi. Indlu elalilaliswe kuyo ixhego yileyo yokuphumla babesakuhlala kuyo umfundisi nenkosikazi. Nangale mini ke emva kwecawa baya kuhlala kuyo le ndlu besela iziselo zabo ezibandayo besitya namaqebengwana ezonka, bethethela phantsi, belumkele ukuvusa umntu omkhulu. Wamana ukutsho ngesingqala umntu omkhulu ekobude ubuthongo.

*'Shame'* wamana ukutsho uThozama esiva esi singqala emana ukusuka ayokumbamba ebunzi emva ubushushu.Wayesithi akuphathwa ebunzi abonakale encuma, phofu kucaca ukuba uncumela ebuthongweni.

'Yintoni mama!' wabuza umfundisi esothuka, ephakama esihlalweni sakhe esondela, ecinga ukuba makube umntu uyaqhawuka. Uthe ukuba asondele umfundisi yamondela inkosikazi yakhe ebusweni yabuya yajonga kweli xhego yavakala isithi, 'Papa!' kaloku ngoku uThozama wayengasatsho ukuthi 'Bhuti Thole' kuMangaliso, wayesithi Papa, 'Mama!' wasabela watsho umfundisi. 'Khangela!' watsho ekhomba isiva esisebusweni exhegweni. 'Khangela!' uphinde watsho ekhomba eso sasisebusweni kuMangaliso.
'Ke?' watsho umfundisi ejonge kuThozama.

*'Isn't funny?'* wabuza uThozama ngesilungu. *What's funny about a scar?'* uphendule ngombuzo watsho uMangaliso. Uphindile uThozama waya esinqeni kweli xhego ekhumbula into ebekhe wayibona xa ebeliphatha-phatha liyoba. Unyuse ihempe kancinci ezantsi kwenkaba wakhombisa uMangaliso esithi, 'Khangela!'

'Ngumkhango lowo,' watsho uMangaliso engayazi intsingiselo yokuba akhonjiswe umkhango wexhego. 'Andithi nawe unawo', ubuze watsho uThozama. 'Ewe ndinawo, ke?' 'Hayi, Papa maan, niyafana nalo tata, ngaphandle kwezi zinto ndizikhombayo, ingxam nje le yobuso nguwe kanye,' wadanduluka watsho uThozama ekhwaza. 'Sh-h-h!' watsho uMangaliso emtsibela embamba emlonyeni efuna angafundekeli owayelele. 'Isenokwenzeka into yokufana kwabantu, mama, nokuba abazani, kaloku abantu bambala-nkomo,' uthe esagqiba ukutsho uMangaliso lee dlambululu ixhego lisothuka.

'Yintoni bawo kutheni wothuka?' wabuza uThozama elijonga.
'Hayi ndiyaphupha mntwan'am, hayi nalo neli phupha lindiphethe kakubi,' watsho ukuphendula umntu omkhulu. 'Phupha lini eli uliphuphayo, bawo?' wabuza uMangaliso. 'Hayi mntwan'am liphupha elidala, watsho wee chiphi-chiphi iinyembezi ...'

'Kunjani, bawo, uziva njani kodwa?' wabuza uThozama. 'Hayi mntwan' am, ndiphilile ngaphandle nje kwentloko esuke yee ngqezu, neli phupha ke,' watsho ukuphendula umntu omkhulu.
Ungene kwenye indlu uThozama waphuma ephethe iipilisi namanzi walinika esithi, 'Khawuginye nazi iipilisi ke bawo, mhlawumbi intloko yoba ngcono esingaziyo ke sesi sephupha isifo ukuba sonyangwa ngani na sona. Kodwa ke mna ndikucebisa ukuba ungasoloko ucinga ngalo, yiyo le nto likukhathazayo. Umntu uphupha le nto soloko eyicinga,' wamcebisa watsho uThozama esoyika nokumbuza ngeli phupha kuba leli lisuka limbangele iinyembezi.

'Uxolo kaloku bawo, kuhle ngeenyembezi, uza kuphazamisa incoko yethu,' watsho uMangaliso enqanda ezi nyembezi. 'Uthi ke bawo wehlelwa sisehlo? Bendisamamele.' 'Masiyiyeke mfundisi le ncoko iyandenzakalisa.' 'Ubawo lo ke siza kuthi ngubani? Ingumni isiduko? Liphi lona ikhaya?'
'Ke wena mfundisi?' labuza ixhego liwamilisele kuye amehlo.

8.1 Sisikhalo sikabani esi sinqumamise inkonzo? (1)

8.2 Yintoni eyayibangela esi sikhalo? (1)

8.3 Caphula into ebonisa ukuba uThozama wayelihoyile eli xhego emva kwesi sijwili. (1)

8.4 Ngubani le nkosikazi kamfundisi kuthethwa ngayo kwesi sicatshulwa? (1)

8.5 Nika amagama abantu ababini ababemémele uMkwayi enkonzweni. (2)

8.6 Nika intsingiselo yeli binzana, 'ukutsho ngesingqala'. (1)

8.7 Lalingumqondiso wantoni iphupha elalisoloko livelela eli xhego? (2)

8.8 Khankanya izinto zibe mBINI ezaqatshelwa nguThozama kweli xhego ngexesha wayelondele. (2)

8.9 Xela ukuba uMangaliso uzithathe njani ezi zinto ziqatshelwe nguThozama? (1)

8.10 Eli xhego belikwaMangaliso lothuke ebuthongweni:

A Xa uThozama wayelondele.
B Xa uThozama wayelonga.
C Xa uMangaliso wayegqiba kuthi abantu bayakwazi ukufana nokuba abazani. (1)

8.11 Yinyani okanye bubuxoki?

8.11.1 Eli xhego liye ngobumnandi emishini. (1)

8.11.2 UMangaliso wamtsibela wambamba emlonyeni efuna ukuba uThozama angangxoli. (1)

8.12 Inkosikazi kamfundisi yayimbiza njani umyeni wayo? (1)

8.13 Kuthethwa ukuthiwani xa kusithiwa abantu 'bambala-nkomo'? (1)

8.14 Xa belibuzwa impilo ixhego libike izinto zambini. Zikhankanye. (2)

8.15 Ingaba uThozama ulincede njani ixhego kwezi zinto belizibika? (2)

8.16 Kwakutheni le nto uThozama esoyika ukubuza eli xhego ngephupha lalo? (1)

8.17 Chaza ukuba eli xhego lithi yintoni eliphilisileyo kuMangaliso. (1)

8.18 Sibe yintoni isiphelo seli xhego? (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa:

9.1 Mfazwe

9.2 Hlathi **[25]**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda esi sicatshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

'Ngulo mlenze wakho wasekunene lo ungenzi le nto uyithethayo Tata! Lonke ixesha uthi xa uthetha, mandijonge lo mlenze wakho ndilinganise into oyenzayo, ndithi ndakuyenza loo nto, uthi andikulinganisi. Endaweni yokuxwesa, usuka ukhabele ngasemva.'

'Ngowuphi lo mlenze uthetha ngawo Zubuye kwedini?'
'Ngulo uqhwalelayo Tata.' Yatsho le ntwana isithi jaju phaya, ilinganisa qwaka qwaka emoyeni eyona ndlela iyiyo yokubetha ibhola ngolu hlobo kanye lufunekayo ingelulo olu ndilinganisa ngalo ngokokutsho kwayo.

La mazwi kaZubuye naxa ayesitshiwo yintwanana eseshumini nje leminyaka, angena ngathi lutolo loMthwa entliziyweni yam. Ndime bhunxe, ndaxela igala lithe xhwenene ecaleni komngxuma walo, ndikhanywe yincilikithi, iingcinga zixananaza okwemibane ikrazula isibhakabhaka engqondweni yam. USiqhwala, ligama esendidume ngalo ekuhlaleni, lithathelwa koku kunyovela noku kujingxela kwam, kodwa ingento endakha ndazikhathaza ngayo leyo, kuba kungekho nto kunokuthiwa andikwazi ukufikelela kuyo ngenxa yobuqhwala. Bendikhe ndincinwe kanobom yimpi le incinci, ingakumbi unyana lo wam, kunye nalaa ntwana ithe dlundlu nje kancinci ingumhlobo wakhe wasesikolweni, oyise ubizwa ngelithi ngunyana kaMeva, inkathunkathu entamo ibomvu ngathi yihagu ephaliweyo.

Andikholwa ukuba ekucingeni kwakhe lo mfo kaMeva wakha wayiphupha nokuyiphupha into yokuba ndingaze ndibe ngummelwane wakhe ekuhlaleni, yiyeke yona eyokuba umntwana wam angaze adlale nowakhe njengeentanga ezifunda sikolweni sinye. Lo mbuzo wezi nkewu ndisoloko ndiwuphephа kuba ukuwuphendula kwam kungahle kuvuse izilonda esele ziphola, kungenjalo udunga-dunge ubuhlobo babantwana abangazi nto bona ngameva andihlaba ndaba sesi siqhwala ndisiso. Ndithathe emva ukucinga kwasuka kwathi thaa engqondweni umfanekiso ongafuniyo ukucima.

> Ngantsenazana ithile xa zigqiba ukukhala iinkuku zokuqala, ndothuswa ndaxhuma kukunkqonkqoza okungekho mbekweni kumnyango wegumbi endandilala kulo ekhaya. Ndatsiba vumbululu emandlalweni ndavula kwangoko. Emnyango kwakuqingqe izigxegela ezimbini zoomnqay'ulambile zoonongqayi, imipu ijoliswe nzoo apha esifubeni kum. Ndasuka ndoma nko kukothuka, akwabikho nalinye ilungu lomzimba elifuna ukushukuma. Kwahlokoma ilizwi lidanduluka ngathi lithetha nesithulu lisithi mandime kuloo ndawo ndingashukumi nakancinci. Ndangqutywa ngemipu ndityhilizelwa ngaphakathi egumbini. Emva kokubuzwa ukuba nguMfazwe na igama lam, nam ndiphendule ukuba nazo zitsho, zandixelela ezi zinto ukuba mandizilandele, ziyabona ukuba ndinolwazi oluninzi. Ewe ulwazi lona ndandinalo kuba ndandifundile.

10.1 Badibene ngokufundisana ngantoni aba bantu okanye esi sibini sikule ngxoxo? (1)

10.2 Ukhalazela ntoni uZubuye kuyise? (1)

10.3 Uthi uZubuye wenza njani lo mlenze kayise? (1)

10.4 Ethetha la mazwi nje uZubuye kuyise buthini ubudala bakhe? (1)

10.5 UZubuye ebenolwazi kakade lokubetha ibhola yeqakamba. Caphula amazwi abonisa oko. (1)

10.6 Ungunyana kabani uZubuye kanye kanye? (1)

10.7 Cacisa eli binzana eliyintetho kaMfazwe, 'La mazwi ... angena ngathi lutolo loMthwa entliziyweni' (2)

10.8 Wehlelwa yintoni uMfazwe kulo mlenze sele eqhwalela nje? (1)

10.9 Njengokuba enale ncoko nje uMfazwe nonyana wakhe bahlala phi? Zixhase. (2)

10.10 Xela enye into ebonisa ukuba babengasaphili kumaxesha ocalu-calulo ngoku. (1)

10.11 UMfazwe ubanjwe ekuseni xa kukhala iinkukhu. Wankqonkqozelwa:

A EkwaQaka.
B EMthontsi.
C EMngazi. (1)

10.12 Xela ukuba yinyani okanye bubuxoki ukuba:

10.12.1 utat' uGaba wayengutitshala. (1)

10.12.2 uKK ngunyana wenqununu. (1)

10.13 Kubhekiswa koobani aba mnqay'ulambile boonongqayi? (1)

10.14 Bambambela ntoni uMfazwe? (1)

10.15 Gqibezela.

Ekubanjweni kwakhe uMfazwe amapolisa ayefuna ukumkhulula agoduke ukuba unokusebenzela wona njenge ... (1)

10.16 Xela indoda ibe NYE uMfazwe awafumanisa ukuba nayo iyaxela phaya elalini. (1)

10.17 Ukutyholwa kukaMfazwe ngoku ukukhankanye ku-MBUZO 10.15 kwaba nafuthe lini kowabo? (2)

10.18 Saba yintoni isiphelo saba bantu?

10.18.1 UNokuzola (1)

10.18.2 UMfazwe (1)

10.19 Ngesivakalisi esiNYE nika umxholo wale ncwadi. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omde kwiCANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Hlalutya le ncwadi yedrama ithi, 'AMAZA' phantsi kwamanqanaba esakhiwo sebali (iploti). **[25]**

**OKANYE**

### UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

| | |
|---|---|
| MADLAMINI: | Kanti Namhla uyasela? |
| NAMHLA: | Nasecubeni ndiyafika. |
| MADLAMINI: | He Namhla, ucinga ukuba uthetha nabani? |
| NAMHLA: | Nomfazi nje welali. |
| MADLAMINI: | Kubuhlungu ukungazali uzele. |
| NAMHLA: | *(Ekhala kabuhlungu)* Kubuhlungu ukungazalwa uzelwe. |
| MADLAMINI: | (*Ekhomba isisu sikaNamhla*) Hlazo lini eli? |
| NAMHLA: | Ulihlazo kuwe, uliqhayiya kum; |

| | |
|---|---|
| MADLAMINI: | Ndize kuphuthuma wena apha. |
| NAMHLA: | Khawutsho ke Nodabephi, khawulikhuphe, ndiza kukhutshwa embizeni ndilahlwe emlilweni? |
| | ... |
| NAMHLA: | Angambatsha onke amaCirha, angaxweba onke amaBhele, ingaqumba iminyanya itsale inyheke; andisokuze ndahlukane noLizo. |
| NODABEPHI: | Into ebuhlungu yile. |
| NAMHLA: | Yile yantoni? |
| NODABEPHI: | Yile yokungabonisi neenyembezi ubhujelwe! |
| NAMHLA: | Lixoki elililela into elingayithandiyo. |

12.1 UNamhla uzalana njani noMaDlamini? (1)

12.2 Khankanya imikhuba ibe mibini ayothukayo uMaDlamini eyenziwe yintombi yakhe. (2)

12.3 Cacisa le ntetho kaMaDlamini ithi 'Kubuhlungu ukungazali uzele'. (2)

12.4 Leliphi eli hlazo athetha ngalo uMaDlamini? (1)

12.5 Ngokabani lo mntwana uthwelwe nguNamhla? (1)

12.6 Sizathu sini esasibangela ukuba uSidima abe useSwazini ngokwebali lale ncwadi? (2)

12.7 Kwakutheni ukuze uNamhla athi uza kukhutshwa embizeni alahlwe emlilweni? (2)

12.8 Caphula imigca ebonisa ukuba uNamhla udelela ooyise kunye nezinyanya. (2)

12.9 Ukungabonisi zinyembezi kukaNamhla ebhujelwe yindoda yakhe kubonisa ntoni okanye kuthetha ukuthini? (1)

12.10 Xela isohlwayo esafunyanwa nguLizo ngokubulala uDuma? (1)

**ISICATSHULWA B**

NAMHLA: Kanti uyagqibelisa ukundigqebha.

SIDIMA: Ndikugqebhe ngantoni?

NAMHLA: Ngegqudu lobuxoki.

NAMHLA: Ukuba ungumhedeni akuzi kuguqulwa ndim.

SIDIMA: Uyandithuka.

NAMHLA: Ubucinga ukuba ndiyakuthambisa?

SIDIMA: Umema impama ke ngoku.

NAMHLA: Kusithiwa umntu uzalelwa esonweni nje, wena ubunjwe ngaso.

SIDIMA: Ndithe thetha ngqo.

NAMHLA: Ngelingagwegweleziyo, nangantyuntyiyo ndithi ndikhulule, ndilibale.

SIDIMA: Akunakuyimela ke le nto uyithethayo.

NAMHLA: *(Esondela kuSidima emqolo)* Eli lifa lisemqolo naliya kula mntwana kaZodwa. *(Ejikela ngaphambili)* Ezi nzwane naziya kula mntwana kaZodwa, ubhabhile, kudala utsiba iingcingo.

SIDIMA: NguSathana wantoni lo undifikela ndiseluhambeni?

NAMHLA: Ukufikele kakuhle ngorhatya.

SIDIMA: Undenza uMthunzini?

NAMHLA: UnguMathunzomnyama.

SIDIMA: Uzama ukundibizela ityala likude nam.

NAMHLA: *(Ukhupha ifoto kaZodwa epokothweni yebhatyi kaSidima)* Alikudanga nali ulingxale epokothweni. *(Ebeka ifoto phezu kwetafile, ekhupha, ileta eyifunda).* Nantsi neleta yomkakh' uZodwa inkosikazi kaLizo.

12.11 USidima useluhambeni. Wayesiya phi ? (1)

12.12 UNamhla noSidima bazalana/balamene njani? (1)

12.13 Ingaba yinyani okanye luluvo ukuba uNamhla ugqejwe ngegqudu lobuxoki? (1)

12.14 Nika igama libe liNYE uNamhla awayenyelisa ngalo uSidima. (1)

12.15 Ukumema impama kuku-:

A Zibizela ukubethwa ngempama.
B Khweba impama ikutyelele.
C Bhekelisa impama ingasondeli kuwe. (1)

12.16 Yintoni le yayibophelele uNamhla ukuze athi, 'Ndikhulule, ndilibale'? (1)

12.17 Khankanya isingqinisiso sibe siNYE esibonisa ukuba uSidima unento yokwenza noZodwa. (1)

12.18 Xela into eyabangela ukuba uSidima ehle, amcenge uNamhla? (1)

12.19 Ingaba uye wohlukana ngenene uNamhla noSidima emva kwezi zisongelo, 'Ubusuku banamhla buza kusahlula naphakade' 'Ndithi sakubonana kwelizayo.' Zixhase. (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Hlalutya le ncwadi yedrama ithi, 'A-a-a! JONGUMSOBOMVU!' phantsi kwamanqanaba esakhiwo sebali (iploti). **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| BISSET: | ... Khangela ngoku kufuneka ndishiye le ncoko ndiye kukroba laa majoni oja laa nyama, ndibone ukuba asesesimeni esisiso na sokuphatha ukutya. *(Utsho ebashiya apho egxadazelela ngaseziko apho iiKoporali ezimbini zazibile ziinyhididi ziguqu-guqula eso simbuku-mbuku segusha).* |
| SOMERSET: | Ndiyavuya ukuva omnye umntu eyithetha kanye le nto ndandisoloko ndiyicinga, ndisoyika phofu ukugxekwa ngabantu abaza kuthi ndimmonela uSmithi kuba ethandwa yiRhuluneli. Ewe, ndiyavuma ukuba ufundile kunam, kwaye ugqame ngokwazi nokuthetha iilwimi ezininzi. Andazi ke nokuba kuza kuthethwa isiJamani nesiFrentshi na apha kula madabi. |

| | |
|---|---|
| BEAU: | Ndifika ndixakwe xa kulapho kanye Kholoneli yindlela ekunyuselwa ngayo kwizikhundla zalapha emkhosini. Le inkqubo ayihambisani nemigaqo nemithetho yasemkhosini wamaNgesi, apho ijoni belifumana isikhundla ngokuzigqatsa emfazweni. Akubhalwa magama nabuciko bakuthetha edabini, kuqhuma imbumbulu kuphela. Uyabona ke le yonyuselo ngobutshomi iza kwenza ukuba sikhokhelwe ngamabhetyebhetye angazi nto ngemfazwe, nto leyo eya kuthetha inyhikityha yokufa kwabo basemsini. USmithi lo noGlenegi bakhangeleka bengabahlobo abakhulu. |

14.1 Aba balinganiswa bathetha bephi? (1)

14.2 Kwakuqhubeka ntoni kule ndawo? (1)

14.3 Sizathu sini esasibangela ukuba bagxadazele abanye abantu kulo mbhiyozo? (1)

14.4 Xela isikhundla awayesibambile uSomerset ngokwasemajonini. (1)

14.5 Yintoni engafanelekanga kumntu olijoni eyayithethwa nguBisset ngoSmithi neye yamvuyisa uSomerset? (2)

14.6 USmithi wayebalasele ngantoni xa umthelekisa noSomerset? (1)

14.7 Khankanya ulwimi lube luNYE kwezi mbini ezixelwe nguSomerset nawayezibalule ngokuthetha lona uSmithi. (1)

14.8 Yintoni ebilindeleke ejonini ukuze lifumane isikhundla ngokwemigaqo nemithetho yasemkhosini wamaNgesi? (1)

14.9 Kutheni ooBeau bengayithandi into yokuba kunyuselwe ngobutshomi emkhosini kwelakubo? (2)

14.10 Ingaba kulungile na ukumqesha umhlobo wakho nokuba akanalwazi ngomsebenzi lowo. Xhasa impendulo yakho. (2)

14.11 Ngubani lo kwakubonakala ukuba angazibona efumana isikhundla esiphezulu engasifanelanga? (1)

14.12 Wayeza kusifumana njani isikhundla eso lo umbhale ku-MBUZO 14.11? (1)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| Lutshaba: | Ningatsho nje bakhozi ukuba nidibene nokhwembe-khwembe nje? Bathini ngezi zenu iindlela zokukhonza? Gxebe bathi undawoni ke uQamata kaTayi xa kulapho? Khona bayibeka ndawoni ke iminyanya xa kulapho? |
| Xhoxho: | Kuthi kwakufikwa apho mkhozi ibe ngumankankanka. Into esuke yandibhida ke ngoku yile yokufunwa kwesiza kusekutsha kunjalo, singekabafundi naba bantu. |

| | |
|---|---|
| Tyhali: | Uthini na mntakwethu ngale yokuba besithi makupheliswe iziyunguma, imiphanda, amadini, ukuqatywa kwembola, ukunxiba izikhumba neentsimbi ndibala ntoni na! Kukusibulala oko. |
| Dolo: | Kwe-e-wu! Bekuya kutsha ibhayi kweliya cala lethu. |

14.13 Ngoobani aba kuthethwa ngabo ngala madoda? (1)

14.14 Ingaba zonke iilali neziphaluka zazo zangenelwa ngaba bantu ubaxele ngasentla ku-MBUZO 14.13? Xhasa impendulo yakho. (2)

14.15 Baphi aba bantu baxoxayo ? (1)

14.16 Khankanya izinto zibe mbini abantu abamnyama abazingca ngazo neziliqhayiya kubo ngokwesicatshulwa. (2)

14.17 Bahlanganiswe yintoni kule ndawo? (1)

14.18 Khetha impendulo echanekileyo.

Umhlaba ophantsi kolawulo lukaMaqoma kwakungalulanga ukuwuthatha kuba:

A wayesoyikwa
B kwakuhlonitshwa uyise uNgqika
C yayingumqwebedu (1)

14.19 Iimfundiso zabefundisi bakwaLizwi ziye zaba neziphumo ezihle.

Xela iziphumo zibe ziBINI. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**